IVEKI YOKWENZIWA KWEMIYOLELO KWILIZWE JIKELELE
11-15 Septemba 2017

FUMANA IGQWETHA ELINGAKUBHALELA UMYOLELO - SIMAHLA!

Izizathu ezi-6 zokuba ufanele ube nomyolelo

1. Lilungelo lakho ukugqibea ukuba ngubani omele axhamle ilifa lezinto zakho.
2. Umele uqinisekise ukuba usapho lwakho luyanyanyekelwa kwiminqweno yakho yokugqibela.
3. Izinto zakho ziya kushiyelwa kubantu abakhethwe nguwe.
4. Umabi welifa ochongiweyo iba ngumntu omaziyo, omthembayo nosenokuba umkhethe ngokwakho.
5. Uya kuphepha iindleko ezithe chatha okanye ezingeyomfuneko.
6. Uya kuphepha ukungabi naluvuyo nongquzulwano phakathi kwamalungu entsapho ngenxa yokuba kukho imiyalelo ecacileyo yendlela yokusasaza izinto zakho.

Izizathu ezi-5 zokuba ufanele usebenzise igqwetha ukubhala ilifa lakho

1. Igqwetha elisebenzayo liyingcali evunyiweyo ebhaliswe kumbutho wezomthetho.
2. Igqwetha linolwazi olufunekayo nobugcisa bokuqinisekisa ukuba ilifa lakho lisemthethweni kwaye liyahambisana nezinto ezifunwa ngumthetho.
3. Igqwetha linceda ukuqinisekisa ukuba impahla yakhe ikhawuleza isetyenzwe ngokukhawuleza nangobunono.
4. Igqwetha lingakucebisa ngazo naziphi na iingxaki ezisenokuvela kwilifa lakho.
5. Igqwetha lingakunceda lize lixhase umabi lifa wakho.

Izinto ezi-4 omele ucinge ngazo ngaphambi kokuba wenze umyolelo welifa lakho

1. Ngubani omele afumane ntoni?
2. Ngubani omele abe ngumgcini osemthethweni wabantwana bakho (abo bangaphantsi kweminyaka eyi-18)?
3. Ngubani omele abe ngumabi welifa lakho?
4. Ingaba ufanele ube nelifa elidibeneyo neqabane lakho?

Izinto ezi-3 eziphathelele umabi lifa

1. Umabi lifa umele abe ilifa lakho ngokuvisisana nelifa lakho.
2. Umabi lifa angaba ligqwetha lakho, iqabane lakho okanye ilungu lentsapho okanye umhlobo wakho.
3. Ukuba ugqiba kwelokuba ibe liqabane lakhe, ilungu lentsapho okanye umhlobo, kucebiseka ukuba uchonge igqwetha njengomabi lifa olihlakani ekubeni lona igqwetha liza kujongana nemiba yomthetho.

Izinto ezi-2 omele uze nazo xa uchonga igqwetha

1. I-ID document (neyeqabane lakho ukuba nidibene ngelifa).
2. Uludwe lwezinto onazo (kuquka nezinto zakho siqu ezinthengqo onqwenela ukuba ziwele ebantwini abathile) nekuba ngubani omele afumane ntoni.

Isigqibo esi-1 usenzile

Yenza idinga negqwetha libhale umyolelo welifa lakho – MAHALA ebudeni beVeki Yemiyolelo Yamafa ukususela nge-11 ukuya kwi-15 Septemba 2017.
Ngamafa asisiseko amatsha kuphela aza kubhalwa. Akukho lutshintsho luza kubakho kumafa akhoyo.

Ulifumana phi igqwetha ukuze likubhalele umyolelo welifa:
www.LSSA.org.za

LAW SOCIETY OF SOUTH AFRICA

Kungenjalo, tsalela umbutho wamagqwetha wephondo okulo: Ukuze ufumane amagqwetha e -

- Gauteng, Mpumalanga, Limpopo, North West call the Law Society of the Northern Provinces at (012) 338 5800;
- Western, Eastern and Northern Cape tsalela Cape Law Society ku (021) 443 6700;
- Free State tsalela Law Society of the Free State ku (051) 447 3237;
- KwaZulu-Natal tsalela KwaZulu-Natal Law Society ku (033) 345 1304.

Or tsalela we-Law Society of South Africa ku (012) 366 8800.

IVeki Kazwelonke Yemiyolelo Yamafa lilinge lokubambisana loMbutho Wezomthetho WaseMzantsi Afrika kunye namalungu awo amathandathu amiselweyo angamalungu, uMbutho Wamagqwetha Amanyama, uMbutho WaseKapa Wezomthetho, uMbutho Wezomthetho wakwaZulu-Natal Law Society eFreystata, uMbutho Wezomthetho wePhondo LaseMntla kune neNtlangano Kazwelonke Yamagqwetha EDemokhrasi.
Le ngxelo yenzela ukunika inkcazelo kuphela kwaye ayifanele ijongwe njengecebiso lezomthetho.